




Wes-Kaapse Provinsiale Parlement
Western Cape Provincial Parliament
IPalamente yePhondo leNtshona Koloni

**KWENZEKA NTONI EKUPHELENI
KWEXESHA LEPALAMENTE?**

UXWEBHU LWEMIBA 21

UHLAZIYO 1, 9 EPRELI 2019



Ukuchithwa kwePalamente yePhondo leNtshona Koloni (WCPP)

- I-WCPP ichithwa ngosesikweni ngevoti ngaMalungu ayo phakathi kwiintsuku ezingama-90 zomhla obekelwe ulonyulo jikelele.
- Ivoti ithabathisa emva kokuba uMbhexeshi oyiNtloko enze isiphakamiso sokuchithwa kwe-WCPP phambi kokuhlala okuhlelwe okokugqibela kwe-WCPP.
- Akukho zivoti, kuhlala okanye zinitlanganiso zeekomiti zepalamente ziza kuhlelwa ngexesha lokuchithwa kwe-WCPP; nangona kunjalo, iNkulumbuso iza kukhweba ukuhlala okukhawulezileyo kwe-WCPP ukuba kukho umba ongxamisekileyo.

- I-WCPP ayinakho ukudibana ukusuka kumhla wolonyulo de kube ngumhla woqaliso lwepalamente entsha, nkqu naMalungu akanakho ukuqhuba nayiphi imisebenzi yepalamente.
- Ipalamente entsha yakhiwa ngokusesikweni xa, phakathi kwiintsuku ezili-14 zokubhengezwa kweziphumo zolonyulo jikelele, ukuhlala kokuqala kwepalamente kubanjwa apho ijaji, eyalelwe yiJaji eyiNtloko yeNkundla yoMgaqo-siseko, ilawula isifungo se-ofisi yaMalungu amatsha.

Ithini imeko yeNkulumbuso neKhabhinethi emva kokuchithwa kwe-WCPP?

- INkulumbuso neKhabhinethi bahlala kwizikhundla zabo kwaye bagcine iimfanelo noxanduva lwabo de konyulwe iNkulumbuso entsha xa kuhlala ipalamente entsha okokuqala.
- Urhulumente wephondo uqhuba esebenza phantsi kwesikhokelo seNkulumbuso neKhabhinethi ekhoyo de iNkulumbuso entsha ifungiswe kwaye neKhabhinethi entsha yenyulwe.

Ithini imeko yaMalungu emva kokuchithwa kwe-WCPP?

- AMalungu agcina izikhundla zawo ngexesha lokuchithwa kwepalamente de kube sezinzulwini phambi komhla wolonyulo.
- AMalungu kufuneka ashiye ii-ofisi zawo ngomhla obekiweyo phambi kolonyulo jikelele kwaye abuyisele amakhadi awo okungena kwisakhiwo nazo naziphi na ii-asethi ze-WCPP, ezifana neencwadi zethala leencwadi, phambi kokuba afumane imivuzo yawo yokugqibela.
- AMalungu abuyayo ahlawulwa imivuzo ngexesha eliphakathi kolonyulo jikelele kunye nokuhlala kokuqala kwepalamente entsha.
- AMalungu amatsha afumana kuphela izibonelelo nemivuzo ukusuka ngomhla athabatha ngawo isifungo sawo se-ofisi.
- AMalungu ashiyayo afumana isambuku semali yokushiya inkonzo. Esi sixamali sixhomekeka kubude benkonzo yawo.
- AMalungu ashiyayo anganelungelo lomhlaphantsi, kuxhomekeka kwiminyaka yobudala bawo nexesha lenkonzo yawo.
- AMalungu ashiyayo angakhetha ukugcina ubulungu besikimu soncedo lwezonyango seParmed kwaye aza kuqhuba efumana isibonelelo soncedo lwezonyango esibalwa ngokwexesha lenkonzo yawo yepalamente.

Ithini imeko yamaqela ezopolitiko emva kokuchithwa kwe-WCPP?

- Izibonelelo kumaqela ezopolitiko ukugcina ii-ofisi zabo bamelweyo nokuqesha abaqeshwa bezolawulo ziza kuhlawulwa ngesiseko sexesha abakho ngalo de kube zinzulu zobusuku zomhla wolonyulo.
- Inkxasomali kumaqela epolitiki abuyayo iyaqalisa emva kokuba iziphumo zolonyulo zibhengeziwe kwaye le nkxasomali isekelezelwe kwitotali yenani lezihlalo eziphunyelelwe liqela lezopolitiko ngalinye.
- Amaqela ezopolitiko onyulwe ngokutsha aza kuzuzwa izibonelelo ukususela ngomhla apho abameli bawo befungiswe khona kwaye ezi zibonelelo zisekelezelwe kwitotali yenani lezihlalo eziphunyelelweyo.